Isalathiso: 202000922-8221
Inombolo yefayili: 12/2/10/5/5
Imibuzo: C Banda

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-*FET*: DCF 0007/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki

Isihloko: Uncwadi olumiselweyo lweemviwo zangoNovemba 2021 nezangoJuni 2022 zeBakala 12

1. ISebe leMfundo esiSiseko kuzwelonke (ISebe i-*DBE*) likhuphe iSetyhula E16 ka-2020, yomhla we-09 Septemba 2020 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A**), emalunga noncwadi olumiselweyo lwazo zonke iilwimi zaseburhulumenteni kumanqanaba olwimi, kuLwimi lweeNkobe, olokuQala nolweSibini oloNgezelelweyo kwiimviwo zeBakala 12 eziya kubhalwa ngoNovemba 2021 nangoJuni 2022.

2. Ngenxa yeengxaki ezidalwe ngubhubhane i-*Covid*-19, iSebe i-*DBE* lithathe isigqibo sokukumisela elinye ixesha ukuqaliswa koncwadi olutsha kwiimviwo zangoNovemba 2022.

3. Ngaphandle koLwimi lweeNkobe loKuthetha ngeZandla lwaseMzantsi Afrika (*South African Sign Language Home Language* (*SASL HL*)), amaphepha emibuzo yoncwadi lwazo zonke iilwimi zaseburhulumenteni eBakala 12, alulungiselelwe iimviwo zikaNovemba 2021 nezikaJuni 2022, aya kusekelwa kuncwadi olumiselweyo olulungiselelwe iimviwo zikaNovemba 2020 kunye nezikaJuni 2021.

4. Ngoko ke, makuqatshelwe ukuba uluhlu loncwadi olumiselweyo olulungiselelwe iimviwo zikaNovemba 2021 nezikaJuni 2022 luyafana njengoko kuchaziwe kwiSetyhula E19 yeSebe i-*DBE*, yomhla we-03 Agasti 2018 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo B**).

5. Kwimeko ye-*SASL HL*, njengoko kuchaziwe kwiSetyhula S2 ka-2018, yomhla we-02 Februwari 2018 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo C**), azifezekiswanga iimfuno ezizezona zisezantsi zoncwadi olumiselweyo lweBakala12 kwaye oku kungenxa yokuba lungekho uncwadi olulungiselelwe i-*SASL HL*. Ukususela ngo-2018 iSebe i-*DBE* belikhetha izicatshulwa ezizodwa kwiincwadi ezahlukeneyo ukufezekisa ezi mfuno zimiselweyo. Uncwadi olumiselweyo olulungiselelwe i-*SASL HL* kwiimviwo zikaNovemba 2021 kunye nezikaJuni 2022 zeBakala 12, lolu lulandelayo:

IiNcwadi zoNcwadi ezimiselweyo ezilungiselelwe i-*SASL HL* kwiBakala12 zikaNovemba 2021 noJuni 2022

IsiHobe: IBakala12

Isihloko	Iziko	Udidi lwesibonelo /Umboneleli
1. *Alone*	*American Sign Language (ASL) – Daniel Durant*	Kunikwe izikolo *(DVD)*
2. *Evolution of Communication*	*ASL – Ian Sanborn* https://www.youtube.com/watch?v=2z8z3jypxz0	*YouTube*
3. *Five Senses*	*British Sign Language – Paul Scott*	Kunikwe izikolo *(DVD)*
4. *June 16th*	*Deaf Federation of South Africa*	I-imeyili: signlanguage@deafsa.co.za
5. *The Rosebush*	*ASL – Ella Mae Lentz*	Kunikwe izikolo *(DVD)*

Amabali Amade: IBakala 12

Isihloko	Iziko	Udidi loncwadi/Umboneleli
1. Asa stands up for Herself	*Stellenbosch University*	Vanessa Reyneke IFoni: 021 808 2135 Imeyili: vanessa2@sun.ac.za
2. Together We're Strong	*Stellenbosch University*	Vanessa Reyneke IFoni: 021 808 2135 Imeyili: vanessa2@sun.ac.za

IDrama: IBakala12

Isihloko	Iziko	Udidi loncwadi/Umboneleli
Living on the Edge	*Stellenbosch University*	Vanessa Reyneke IFoni: 021 808 2135 Imeyili:vanessa2@sun.ac.za

6. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amaziko kunye nabaviwa abaza kubhala iimviwo zikaNovemba 2021 kunye nezikaJuni 2022 zeBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2020-10-05